URhulumente weNtshona Koloni

NGOWAKHO

# ISAZISO ESIBALULEKILEYO

## OOSOZILWIMI: ABAGUQULELI ABAZIMELEYO, ABAHLELI, IITOLIKI ZESINGESI, ISIBHULU, ISIXHOSA KUNYE NEZOLWIMI LOKUTHETHA NGEZANDLA LWASEMZANTSI (SASL)

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo limema oosozilwimi abazimeleyo ukuba bangenise izicelo zokufakwa kuvimba weenkcukacha kaRhulumente weNtshona Koloni lomboneleli nkonzo lwabazimeleyo ukusukela kweyeDwarha ka2023 ukuya kweyoMsintsi ka2026.

Oosozilwimi, abahleli, abaphononongi kunye neetoliki (ngaphandle kweSASLI) kufuneka babe neDiploma yeSizwe/iSidanga esifanelekileyo seminyaka emi3 (isiqinisekiso esilinganayo okanye esingaphezulu), kunye nezakhono ezivunyiweyo zokuguqulela ulwimi, ukuhlela, ukuvavanya nokutolika. Abafakizicelo abangabatoliki beLwimi zokuThetha ngeZandla kufuneka babe nesiqinisekiso esifanelekileyo soLwimi lokuThetha ngeZandla. Bonke abafakizicelo kufuneka babe neminyaka emihlanu ubuncinane (kwiminyaka eyi10 yokugqibela) yamava afanelekileyo.

**1. Izicelo**

Izicelo kufuneka:

1.1 ZibeneCV emfutshane echaza uqeqesho namava.
1.2 Zichaze ukuba loluphi ulwimi lwenkobe lomfakisicelo kwaye zibonakalise ubuchule obufanelekileyo bokubhala ngezinye iilwimi.
1.3 Zichaze iinkonzo zolwimi akwaziyo ukunikezela ngazo umfakisicelo.
1.4 Zichaze naziphi na ezinye iinkalo zezifundo ezikhethekileyo (ezomthetho, ezemali, okusingqongileyo, nezinye) apho umenzisicelo asebenze khona, exhaswa yimizekelo yemisebenzi ayenzileyo.
1.5 Zibeneengxelo ezintathu ezisingqiniso, kubekho neenkcukacha zoqhagamshelwano zabaxumi okanye zamaziko apho amangqina akhe abonelela ngeenkonzo ezinxulumene nolwimi.

**2. Ukuthotyelwa komnikezeli weenkonzo**

**2.1 Ubhaliso njengomniki nkonzo karhulumente**

Bonke ababonelela ngeenkonzo kurhulumente kufuneka babhalise kuVimba weeNkcukacha zabaBoneleli beSizwe zikaNondyebo weSizwe (CSD) kunye nakwiBhanki yoBungqina babaBoneleli yeNtshona Koloni (WCSED). ISebe liza kwamkela intelekelelo yeendleko zomsebenzi ezivela kubaboneleli ababhaliswe kwiCSD neWCSED kuphela. Abafakizicelo abangekabhaliswa kwiCSD banokuzibhalisa kuhttps://secure.csd.gov.za/. Ubhaliso kwiWCSED nazo zonke iifomu ezidingekayo ziyafumaneka kwiofisi yethu kuMeryl.Davidson@westerncape.gov.za.

**2.2 Ukuthotyelwa kwerhafu**

Abafakizicelo kufuneka baqinisekise ukuba imeko yabo yerhafu iyahambelana neyeeNkonzo zeRhafu yoMzantsi Afrika (SARS) kwaye kufuneka banike ubungqina boku, xa kuyimfuneko.

**3. Iimeko**

**Umhla wokuvalwa wokufakwa kwezicelo nguMvulo wama24 kweyeThupha ka2023.** Abafakizicelo baza kufuneka bagqibe uvavanyo olwenziwayo. Abafakizicelo abaphumeleleyo baza kutyikityiswa iNdlela yokuZiphatha kunye neSivumelwano seNqanaba seeNkonzo phambi kokuba bafakwe kuvimba weenkcukacha zabazimeleyo loosozilwimi lweSebe zeSebe.

Izicelo ezingalandeli le miyalelo ingentla ziyakuthintelwa.

**Imibuzo:**

Meryl Davidson
Umnxeba: 021 483 9850
Imeyile: Meryl.Davidson@westerncape.gov.za

Izicelo zingeniswa kwibhokisi yezinikimaxabiso ekuMgangatho wokuQala, kwiSakhiwo iProtea Assurance, eGreenmarkert Square, eKapa.